University of Fort Hare

*Together in Excellence*

**FACULTY OF EDUCATION**

**MIX 311**

**IMVIWO ZIKA JUNE 2023**

Ixesha: **3 Iyure**

Imodyuli: IsiXhosa Language, Literacy and Communication Methodology

**Amanqaku: [100]**

Eli phepha lingamaphepha amathathu lidibene nephepha langaphandle

**Umvavanyi wangaphakathi:**

Dr S Matshikiza

Mrs VN Mdaka

**Imiyalelo**

i) Phendula yonke imibuzo

ii) Iimpendulo zinike iinombolo zemibuzo njengoko ibhaliwe ephepheni lemibuzo

iii). Cwangcisa umsebenzi nempendulo zakho kakuhle, ubhale ngokucocekileyo

iv). Bhala ulwimi oluchanekileyo

v). Qwalasela ixesha olinikiweyo

## Umbuzo wokuqala

Khankanya uze uphuhlise ingcaciso efumanekayo kwiKharityhulam mayela nale miba ilandelayo ingokufunda nokufundiswa kwesakhono **sokuThetha nokuPhulaphula**:

I. Injongo nokubaluleka kwesi sakhono. **(10)**

2. Iindidi zokuphulaphula **(6)**

3. Inkqubo elandelwayo xa kufundiswa isakhono sokuphulaphula nokuthetha, utsho kucace okwenziwayo kwinqanaba ngalinye egumbini. **(15)**

4. Iintlobo zeetekisi ekufuneka zifundisiwe phantsi kwesi sakhono xa sifundiswa egumbini, **khankanya zibe ntlanu** **(10)**

5. Izixhobo zokuhlola esi sakhono xa usifundisa **(4)**

**= [45]**

## Umbuzo wesibini

Njengomhlohli wolwimi lwenkobe bonakalisa ulwazi lwakho onalo, khankanya iindlela zokufundiswa kolwimi **6x5=** **(30)**

## Umbuzo wesithathu

Ukwiphulo lokufunda nokufundisa ngenjongo yokuvuthulula nokuxibilila imixokelelwano ekwakukhonxwe ngayo abantu abaMnyama kwimbali yaseMzantsi Afrika, ceba isifundo oza kusifundisa abafundi bebanga lethoba. **Nyathela kule miba ilandelayo**:

i) Isakhono sesifundo oceba ukugxila kuso **(2)**

ii) Isihloko sesifundo **(2)**

iii) Isiphumo/ iziphumo sesifundo **(5)**

iv) Itekisi esetyenziswe kwesi sifundo **(8)**

v) Amava akho okuzama ukuceba nokufundisa izifundo zesiXhosa ezizama ukuphuhlisa eli phulo lakho ulikhankanye ngentla. **(8)**

